

UMGAQO-NKQUBO WESEBE I-WCED WOKWAMKELWA NOKUBHALISWA KWABAFUNDI KWIZIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIQHELEKILEYO

1. INTSHAYELELO

Imvelaphi	Umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi weSebe leMfundu leNtshona Koloni (WCED) uye wahlaziya ukwenzela ukuba kungqinelaniswe ukwamkelwa kwabafundi kanye nobhaliso lwabo.
Imigaqo-nkqubo yangaphambili	Indawo yezi Setyhula zilandelayo ithathwa ngulo mgaqo-nkqubo: <ul style="list-style-type: none">• iSetyhula 0129/2000 Ulawulo lokwamkelwa kwabafundi• iSetyhula 0142/2000 Ulawulo lokwamkelwa kwabafundi ababudala bungaphezu kobumiselweyo (<i>over-age learners</i>) ezikolweni• iSetyhula 0187/2003 Ukwamkelwa kwabafundi beBakala 10 kwi-Cape Academy• iSetyhula 0040/2004 UMgaqo-nkqubo neeNkqubo ze-WCED zoKwamkelwa kwaBafundi kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo
Imigaqo-nkqubo enxulumeneyo	Lo mgaqo-nkqubo omtsha wokwamkelwa kwabafundi we-WCED kwakunye neenkubo zolawulo, ocacisa kolu xwebhu mawufundwe kanye nale migaqo-nkqubo ye-WCED ilandelayo: <ul style="list-style-type: none">• iSetyhula 0121/2003: Umgaqo-nkqubo we-WCED ongokulawulwa kokukhulelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente• iSetyhula 0240/2003: Ukwamkelwa kwabafundi ababudala bungaphezu kobumiselweyo kwizikolo zikarhulumente• iSetyhula 0046/2004 Umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi phambi kweBakala R nabafundi beBakala R kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.
Umhlaba oza kufikelelwa	Lo mgaqo-nkqubo usebenza kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kwiPhondo leNtshona Koloni. Apho kukho ukungqubana nenyi setyhula ye-WCED okanye nomnye umgaqo-nkqubo we-WCED, kuya kongama imigqaliselo yalo mgaqo-nkqubo.
Injongo yomgaqo-nkqubo	Injongo yalo mgaqo-nkqubo yile: <ul style="list-style-type: none">▪ kukuhlangabezana neenjongo zoMqulu waMalungelo oLuntu (<i>Bill of Rights</i>) njengoko ziqulethwe kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 108 ka-1996), njengoko ufakelwe izilungiso;▪ kukunika inkxaso izikolo ekwenzeni imigaqo-nkqubo yokwamkelwa kwabafundi ngokwemigqaliselo yomthetho kazwelonke nowephondo, kubandakanya nomthetho olawulo uluntu lonke nolawula umntu ngamnye;▪ kukunika bonke abantwana ithuba lokufikelela kwizikolo zikarhulumente ngokwemigqaliselo yomthetho;▪ kukulungiselela inkqubo yokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eNtshona Koloni kwangexesha nangendlela ekhawulezayo;

- kukuqinisekisa ukwamkelwa nokubhaliswa ngokusemthethweni kwabafundi ezikolweni;
- kukwenza ukuba kuqaliswe ngokufundisa nokufunda okukuko ngosuku lokuqala lonyaka wesikolo nangosuku lokuqala lweekota zesikolo ezilandelayo; kunye
- nokwenza kungqinelane iinkqubo zokwamkelwa kwabafundi neCEMIS yeWCED.

I Ngcaciso-magama

U mzali

- (a) ngumzali okanye ngumgcini womfundu;
- (b) ngumntu onelungelo ngokusemthethweni lokugcina umfundu; okanye
- (c) ngumntu ovumayo ukuthwala lonke uxanduva lomntu okhankanywe ku-(a) no-(b) apha ngasentla, ngokumalunga nemfundo yomfundu osesikolweni.

INtloko yeSebe leMfundu YiNtsumpa Jikelele (*Superintendent General*) [SG] eyiNtloko yeSebe leMfundu leNtshona Koloni

I program yesikolo Zonke izinto zekharityhulam eziqhubekeyo, ezasemva kokufundiswa kwekharityhulam (*extra-curricular activities*), ezemidlalo, ezenkcubeko, ezolonwabo, ezentlalo neminye imisebenzi yesikolo eyenziwa sisikolo.

Imisebenzi yeSikolo Nayiphi na imisebenzi esemthethweni yezemfundo, yenkcubeko, yolonwabo okanye umgcobo owenziwa sisikolo ngaphakathi okanye ngaphandle kwamasango esikolo.

Iifizi zesikolo Iifizi zesikolo njengoko zimiselwe kwiSiqendu 39 seSASA nezibandakanya naluphi na uhlobo lwentlawulo yemali eyenziwe ngumntu okanye liqumrhu ngokunxulumene nokuhamba komfundu isikolo okanye uthatho-nxaxheba ngumfundu kwinkqubo yesikolo sikarhulumente

Izifinyezo

WCED

HoD

MEC

NEPA

SASA

SGB

CEMIS

FET

Western Cape Education Department (iSebe leMfundu leNtshona Koloni)

Head of Department (INtloko yeSebe leMfundu)

Member of the Executive Council (ILungu leSigqeba soLawulo)

National Education Policy Act (uMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundu kaZwelone)

South African Schools Act (uMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika)

School Governing Body (iBhunga loLawulo leSikolo)

Central Education Management Information System (I-CEMIS)

Further Education and Training (IMfundu noQeqesho oluQhubelekayo)

2. ISIKHOKELO SEMITHETHO

Imithetho

Ukwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kwiPhondo leNtshona Koloni kulawulwa yile mithetho:

- *UMgaqo-siseko weRiphabliko yoMzantsi Afrika, 1996* (uMthetho 108 ka-1996) njengoko ufakelwe izilungiso, emva koku obizwa ngokuba “nguMgaqo-siseko”. *The Constitution of the Republic of South Africa Act, 1996 (Act 108 of 1996), as amended, hereinafter referred to as “the Constitution”.*

Ilungelo lokufumana imfundu

ISiqendu 29(1) soMgaqo-siseko, siqinisekisa lomntu wonke eMzantsi Afrika, ongummi nongengommi ngokufanayo, ngelungelo lokufumana imfundu esisiseko, kubandakanya nemfundo yabadala nemfundo eqhubelekayo, nekufuneka uRhulumente, ngokusebenzisa amanyathelo afanelekileyo, aqinisekise ukuba

isoloko ifumaneka kwaye ifikeleleka ngokulula.

- *UMgaqo-nkqubo kaZweloneke woKwamkelwa kwaBafundi weZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo [UMgaqo-nkqubo kaZweloneke] (IGazethi kaRhulumente 19377 ka-1998) eyapapashwa ngokoMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundu kaZweloneke, 1996 (uMthetho 27 ka-1996), njengoko ufakelwe izilungiso [NEPA] (National Admission Policy for Ordinary Public Schools [National Policy] (Government Gazette 19377 of 1998) as promulgated in terms of National Education Policy Act (Act 27/1996 NEPA).*
- *UMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996) njengoko ufakelwe izilungiso (The South African Schools Act, 1996 (Act 84 of 1996), as amended (SASA)*

Imfundu enyanzelekileyo

Ngokomthetho we-SASA, iSiqendu 3(1) imfundu yesikolo inyanzelekile kubo bonke abafundi ukususela kwiminyaka esixhenxe kude kube ngumhla wokugqibela wesikolo wonyaka umfundu aya kufikelela ngawo kubudala beminyaka elishumi elinesihlanu okanye kwibakala lethoba, nayiphi na eyenzeka kuqala kunenye.

Urhulumente neSebe i-WCED ngoko ke banoxanduva olunyanzelekileyo ngokoMgaqo-siseko lokubonelela ngemfundu esisiseko bonke abafundi abakobu budala bunyanzelekileyo bokuhamba isikolo.

Uxolelo kwintlawulo yeefizi zesikolo

- *ImiMiselo ephathelele kuxolelo Iwabazali kwintlawulo yeefizi zesikolo kwizikolo zikarhulumente (IGazethi kaRhulumente 29311 yowe-18 Oktoba 2006) njengoko yapapashwa ngokoMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika.*

Umgao-nkqubo woLwimi

*IMimiselo neMigangatho yeMigaqo-nkqubo yoLwimi kwiZikolo zikaRhulumente (IGazethi kaRhulumente 18546, Desemba 1997)
(Norms & Standards for Language Policy in Public Schools, (GG18546, December 1997)*

- *UMthetho weMfundu weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997)
(The Western Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997)*
- *UMthetho oKhuthaza uKwazi ukuFikelela kwiNgcaciso, 2000 (uMthetho 2 ka-2000)
(The Promotion of Access to Information Act, 2000, Act 2 of 2000)*
- *UMthetho oKhuthaza uBulungisa kwezoLawulo ka-2000 (uMthetho 3 ka-2000)
The Promotion of Administrative Justice Act, 2000 (Act 3 of 2000)*

3. IMIMISELO ESEMTHETHWENI YOKUBONELELWA KWEMFUNDU YASESIKOLWENI

Uxanduva oluthweswa iPhondo

Ngalinye iphondo leRiphabliko yoMzantsi Afrika linoxanduva lokubonelela ngemfundu yasesikolweni kubafundi belo phondo.

Indawo zokufundela esikolweni

I-SASA, iSiqendu 3(3) sifuna ngalinye iLungu leSigqeba soLawulo (uMphathiswa) eliphathiswe imfundu kwiphondo liqinisekise ukuba kukho **iindawo zokufundela ezaneleyo ezikolweni** ukwenzela ukuba wonke umntwana obudala bokuhamba isikolo bunyanzelekileyo, nohlala kwelo phondo, abe nokuya esikolweni.

lihostele

Ukubonelelwa ngezikolo zikarhulumente kunokubandakanya ukubonelelwa ngeehostele ukwenzela indawo yokuhlala abafundi [SASA, iSiqendu 12(2)].

Imfundo eneemfuno ezizodwa Kufuneka uMphathiswa, apho kunokwenzeka, abonelele ngemfundo abafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kwaye abonelele iinkonzo zokunika inkxaso kwezemfundo ezifanelekileyo kwabo bafundi [SASA, iSiqendu 12(4)].

Izikolo ezizimeleyo Ngaphandle kokubonelelwa kwemfundo kwizikolo zikarhulumente, abafundi bangafundiswa kwisikolo esizimeleyo esibhaliswe phantsi kwe-WCED.

4. UXANDUVA NGOKWASEMTHETHWENI LWEENKQUBO EZIFUNEKAYO ZOKUQUQUZELELA NOKWAMKELWA KWABAFUNDI KWIZIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIQHELEKILEYO

Ukuququzelelwa kokwamkelwa esikolweni Umhlathi 8 woMgaqo-nkqubo kaZwelonke woKwamkelwa kwaBafundi kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo (*National Admission Policy for Ordinary Public Schools*, nobhengezwe ngokwe-NEPA ucacisa uthi “**iNtloko yeSebe leMfundu** mayiquuzelele **ukubonelela** ngezikolo **nolawulo lokwamkelwa** kwabafundi kwizikolo zikarhulumente **namabhunga olawulo**, ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi abafanelekileyo bayifumene kakuhle indawo ngokweSASA”).

QAPHELA: Kubalulekile ukuba **bonke abafundi abakubudala bokuhamba isikolo obunyanzelekileyo (kwiminyaka esixhenxe kuye kwelishumi elinesihlanu)** bafumane indawo ngokufanelekileyo ezikolweni.

Umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi wesikolo NgokweSASA, iSiqendu 5(5) nangokoMgaqo-nkqubo kaZwelonke woKwamkelwa kwaBafundi umhlathi (5) **ibhunga lolawulo** lesikolo sikarhulumente **limisela umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi wesikolo**.

Ukwamkelwa kwabafundi Uxanduva **lokwamkela abafundi** kwisikolo sikarhulumente ngokweSiqendu 5(7) seSASA luthweswe **iNtloko yeSebe**. INTloko yeSebe inokulululiseluxanduva lokwamkela abafundi kwigosa lesebe [SASA, iSiqendu (62)(2)].

Ulawulo lokwamkelwa kwabafundi linqununu zezikolo, njengamalungu amabhunga olawulo ezikolo (ii-SGB), zithatha inxaxheba kule nkqubo yokwenza isiqqibo malunga nomgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi wesikolo kwaye iinqununu zezikolo zenza ulwamkelo nobhaliso Iwabafundi ezikolweni ngokwenqubo yobhaliso emiselwe yiHoD nangumgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi ezikolweni.

Ubhaliso Iwabafundi **INTloko yeSebe** imisela **inkqubo yobhaliso** lokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente, ngokoMgaqo-nkqubo kaZwelonke woKwamkelwa kwaBafundi umhlathi 5, *Ulawulo lokwamkelwa kwabafundi*. I-WCED ivelise inkqubo yobhaliso i-CEMIS yobhaliso Iwabafundi. Injongo yale nkqubo kukwenza ubhaliso Iwabafundi kwangexesha nangendlela eyimpumelelo, kwakunye nokwazi ukulandeleta bonke abafundi abangena kwinkqubo yemfundo esikolweni.

Izibheno **LiLungu leSigqeba soLawulo eliPhathiswe iMfundu (uMphathiswa)** liqwalasela izibheno ezivela kumzali okanye kumfundu othe akamkelwa esikolweni sikerhulumente.

5. IMIGAQO YOMTHETHO EMISELWE IMIGAQO-NKQUBO YOKWAMKELWA KWABAFUNDI YEZIKOLO

Intshayelelo	UMgaqo-nkqubo woKwamkelwa kwaBafundi kaZwelonke opapashwe ngokwe-NEPA ubonelela amabhunga olawulo ezikolo namasebe emfundu amaphondo ngesikhokelo sokuqulunqa umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi wesikolo sikerhulumente. Izikolo, xa ziqlunqa umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi wesikolo, maziqinisekise ukuba le migaqo ilandelayo imiliselwe yaze yabethelelwa mpela kumgaqo-nkqubo wazo:
Imigaqo yomthetho emiselweyo	Umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi wesikolo sikerhulumente ngasinye eNtshona Koloni uya kungqinelana noMgaqo-siseko, noMgaqo-nkqubo kaZwelonke woKwamkelwa kwaBafundi eZikolweni nemimiselo yoMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika kune neMthetho weMfundu weZikolo zePhondo leNtshona Koloni.
Ukwazi ukufikelela ezikolweni	iSiqendu 5(3) se-SASA, simisela ukuba akukho mfundi uya kwalelwa ukwamkelwa kwisikolo sikerhulumente ngenxa yokuba umzali wakhe <ul style="list-style-type: none"> (a) engenako ukuhlawula iifizi zesikolo okanye engazihlawulanga iifizi ezifunwa sisikolo ezimiselwe libhunga lolawulo lesikolo phantsi kwesiqendu 39; (b) engawuxhasi umnqophiso (<i>mission statement</i>) wesikolo; okanye (c) alile ukungena kwimvumelwano ekuthi ngenxa yayo umzali avume ukurhoxa kwibango lokufunwa kwentlawulo (<i>damages</i>) yazo naziphi na iindleko ezibangelwe kukufunda kwaloo mfundi.
Ucalu-calulo olungenabulungisa	Umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi kwisikolo sikerhulumente nolawulo lokwamkelwa kwabafundi ngamagosa eSebe, kubandakanya neenqununu, mawungacalu-caluli ube nomkhethe nangayiphi na indlela ngakumenzi-sicelo owenze isicelo sokwamkelwa esikolweni. (UMgaqo-nkqubo kaZwelonke woKwamkelwa kwaBafundi, umhl. 9) (<i>National Admission Policy par.9</i>)
Ukuvavanywa kwabafundi	Ngokwe-SASA iSiqendu 5 (2), ibhunga elilawula isikolo sikerhulumente malingaze lenze naluphi na uvavanyo olunxulumene nokwamkelwa komfundu kwisikolo sikerhulumente, okanye liwesele umthetho okanye ligunyazise inqununu yesikolo okanye nabani na ongomnye ukuba enze uvavanyo olulolo hlobo.
Ikomiti yokusingatha ukufakwa kwabafundi ezikolweni	Kufuneka izithili ziseke ikomiti yokusingatha ukufakwa kwabafundi ezikolweni ukwenzela ukuba yenze isigqibo ngokufaneleka kwebakala labafundi (<i>grade competency</i>) abenza izicelo zokwamkelwa esikolweni abangenalo ikhadi lengxelo (<i>without a report card</i>) okanye amaxwebhu afunekayo. Kwikomiti yokusingatha ukufakwa kwabafundi ezikolweni elolu hlobo makubekho kuyo umcebisi omkhulu we-SNE (<i>senior SNE adviser</i>), umcebisi ngezekharityhulam omkhulu (<i>senior curriculum adviser</i>), umcebisi ngezekharityhulam wesifundo okanye webakala elichaphazelekayo, iNtloko yoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam kune nalo naliphi na elinye igosa elithathwa ngokuba liyafuneka.

Imimandla yezikolo edluliselabafundi bazo kwezinye izikolo (Feeder zones)	ISebe iWCED alimiselanga namnye ummandla wezikolo ezidlulisela abafundi bazo kwezinye izikolo (<i>not determined any feeder zones</i>) kwizikolo zikarhulumente kwiPhondo leNtshona Koloni. Ngako oko ke ukwamkelwa kwabafundi kuzo zonke izikolo zikarhulumente kulawulwa kuperha yimigqaliselo yomthetho.
Izikolo zezoLimo, iiDinaledi nezikolo ezigxile kokuthile (focus schools)	Kuperha ngabafundi abalonisa amakhondo athile abaya kuvunyelwa ukuba baye kwisikolo sezoLimo, kwiDinaledi okanye kwisikolo esigxile kokuthile. Ngako oko ke asinguye wonke umfundsi oya kuba nelungelo lokufumana imfundsi kwisikolo sezoLimo, kwiDinaledi okanye kwisikolo esigxile kokuthile nokuba ngaba eso sikolo sesona sikufutshane, kwaye kungasayi kuba nguye wonke umfundsi onelungelo lokufikelela ngokulinganayo kwisikolo esigxile kokuthile (<i>focus school</i>) engazanelisi iimfuno zolwazi lweso sifundo ezinokwenza azuze impumelelo ngokuba lapho kwakhe. Ngenxa yoku kunokubakho ucalucalulo olufanelekileyo (<i>fair discrimination</i>) ngokumalunga nokwamkelwa kwabafundi kwizikolo ezigxile kokuthile (<i>admissions to focus schools</i>) ngokususela kwikhondo lakhe (<i>aptitude</i>).
Umgaqo-nkqubo wolwimi wesikolo	NgokoMgaqo-nkqubo woKwamkelwa kwaBafundi kaZwelonke (<i>National Admission Policy</i>) umhlathi 11, apho kufuneka umfundsi efakwe kwikhosi okanye kwiprogram ethile, umz. kwisifundo sezobugcisa, umdaniso okanye umculo, idrama, ezemidlalo naxa oko kuya kulungiselela umfundsi ngokwasemfundweni, umfundsi lowo angacelwa yiNtloko yeSebe ukuba enze uvavanyo lokujonga ulwazi analo ukuncedisa ekuthathweni kwasiggibo sokufakwa kwakhe kuloo khosi/program.
Ubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo	Lo mgaqo usebenza xa kusamkelwa abafundi kwizikolo zezoLimo, iiDinaledi okanye kwizikolo ezigxile kokuthile apho abafundi baye kufuneka bachophele iimvavanyo zephondo kumakhondo emfundsi athile (<i>specialist fields</i>) ukuvavanya ukufaneleka kokufakwa kwisikolo esigxile kwikhondo elithile. Olu vavanyo lunokubandakanya udliwanondlebe, ukuvavanya kwelizwi (<i>auditions</i>), ukungenisa iiphotifoliyo zemisebenzi ethile (<i>presentation of portfolios of work</i>) novavanyo kanye ekwenzeni umsebenzi lowo
NgokweSiqendu 6 se-SASA, ibhunga lolawulo lesikolo sikarhulumente lingawumisela umgaqo-nkqubo wolwimi wesikolo ngokuxhomekeka ekubenilinqinelana noMgaqo-siseko, ne-SASA kunye nawo nawuphi na umthetho wephondo osebenzayo .	NgokweSiqendu 6 se-SASA, ibhunga lolawulo lesikolo sikarhulumente lingawumisela umgaqo-nkqubo wolwimi wesikolo ngokuxhomekeka ekubenilinqinelana noMgaqo-siseko, ne-SASA kunye nawo nawuphi na umthetho wephondo osebenzayo .
Ngokwe-SASA iSiqendu 3(1), kunyanzelekile ukuya esikolweni kubo bonke abafundi, ukususela ngosuku lokuqala lwesikolo laloo nyaka umfundsi afikelela <u>kubudala beminyaka esixhenxe de kube lusuku lwesikolo lokuggibela lonyaka athi ngawo loo mfundi afike <u>kubudala beminyaka elishumi elinesihlanu</u> okanye <u>kwibakala lesithoba</u>, nayiphi na eyenzeka kuqala kunenye.</u>	Ngokwe-SASA iSiqendu 3(1), kunyanzelekile ukuya esikolweni kubo bonke abafundi, ukususela ngosuku lokuqala lwesikolo laloo nyaka umfundsi afikelela <u>kubudala beminyaka esixhenxe de kube lusuku lwesikolo lokuggibela lonyaka athi ngawo loo mfundi afike <u>kubudala beminyaka elishumi elinesihlanu</u> okanye <u>kwibakala lesithoba</u>, nayiphi na eyenzeka kuqala kunenye.</u>

Ubudala bokwamkelwa kwabafundi	<p>iSiqendu 5(4)(a) se-SASA simisela ubudala bokwamkelwa kwabafundi kwisikolo sikarhulumente njengobu</p> <p>(i) kwiBakala R bubudala obuyiminyaka emine xa eza kudibanisa unyaka wesihlanu nge-30 kaJuni kunyaka wokwamkelwa kwakhe, yaye</p> <p>(ii) kwiBakala 1 bubudala obuyiminyaka emihlanu xa eza kudibanisa unyaka wesithandathu nge-30 kaJuni kunyaka wokwamkelwa kwakhe.</p>
Abafundi abangaphantsi kobudala obufunekayo	<p>Abafundi abangaphantsi kobudala bokwamkelwa obucaciswe kwi-SASA iSiqendu 5(4)(a), bangamkelwa esikolweni sikarhulumente kuphela ngokwe-SASA iSiqendu 5(4)(b), esicacisa sithi ngokuxhomekeka ekubeni ikho indawo yokufundela efanelekileyo esikolweni kunye nezinye izibonelelo ezincedisa ukufunda, iNtloko yeSebe ingamamkela umfundu</p> <p>(i) ongaphantsi kobudala obuxeliweyo kwiSiqendu 5(4)(a), <u>ukuba kunikwa isizathu esifanelekileyo</u>; nothi</p> <p>(ii) angqinelana neekhrayitheriya anokuthi uMphathiswa, ngommiselo, azimisele ngokumalunga nokwamkelwa kwabafundi ababudala bungaphantsi kobudala bokwamkelwa esikolweni.</p>
	<p>iSiqendu 5(5)(d) sicacisa sithi “<i>Ukulungiselela injongo yesiqendu 5(4)(b)(i), “isizathu esifanelekileyo esinikwayo” kuthetha ukuthi</i></p> <p>(i) <i>ukuba kungaboniswa ukuba kukho iimeko ezizodwa ezibangela ukuba kwamkelwe umfundu obudala bungaphantsi ngenxa yokuba ukwamkelwa kwakhe kuyinto emlungiselela ngakumbi (best interest) loo mfundi; kwaye</i></p> <p>(ii) <i>ukwala ukumamkela umfundu lowo kuya kuba neziphumo eziya konakalisa kakhulu ubomi bokukhula kwakhe.</i></p>
	QAPHELA imigqaliselo ekwiSetyhula 46/2004.
Abafundi ababudala bungaphezulu kobo bamkelekileyo	Abafundi abakwinkqubo yesikolo kodwa babe bekubudala obungaphezu kobo bamkelekileyo ngenxa yokuphinda amabakala abanakwalelwu ukuba baqhubeke nemfundu esikolweni, kodwa xa betshintsha ukusuka kwesinye isikolo ukuya kwesinye, banokwamkelwa kuphela ngevume yomphathi wekomiti yesekethe. Imigqaliselo neenkqubo zichazwe kule Setyhula 240/2003.
Uxanduva lomzali	Ngokwe-SASA iSiqendu 3(6), ngamnye umzali makaqinisekise ukuba umntwana anoxanduva ngaye, uya esikolweni <u>nqosuku loqala lwasikolo</u> kunyaka athi ngawo loo mfundi afikelele kubudala obuyiminyaka esixhenxe <u>de kube lusuku lokuggibel</u> lonyaka athi ngawo loo mfundi afike kubudala beminyaka eli-15 okanye kwibakala lesithoba, nayiphi na eyenzeka kuqala kunenye.
	Ngako oko ke kufuneka izikolo zazise abazali, abafundi nabahlali ngokubaluleka kokuya qho esikolweni.
Abafundi abanee- mfuno zemfundo ezizodwa	I-SASA iSiqendu 12(4) sibonelela ukuba, apho oku kunokwenzeka, abafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa mabamkelwe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinezibonelelo zokunika inkxaso efanelekileyo kwezemfundo.

Abafundi abatshatileyo (Married learners)	Umfundi osesikolweni ongumntu osengumntwana [ongaphantsi kweminyaka eli-18] (<i>minor [under the age of 18 years]</i>) ufilelela kubuntu obudala (<i>attains majority status</i>) ngokuthi atshate ngokusemthethweni.
	Abafundi abatshatileyo, kungakhathaliseki budala babo, abasathathwa ngokuba bangabantu abasengabantwana (<i>minors</i>) ngokomthetho. Ngenxa yokuba betshatile banamalungelo omntu omdala onomfazi/onendoda (<i>spouse</i>) nekufuneka ehlangabezene nazo zonke iimfanelo neembophelelo zomtshato (<i>meet all matrimonial obligations</i>).
	Apho umfundi oyindoda okanye olibhinga athe, wafikelela kwimeko yokuba ngumntu omdala (<i>attained the status of a major</i>), ezona zinto zimlungiselela ngakumbi loo mfundi ziya kuhlala izezona zibalulekileyo (<i>the best interests of the learner remain paramount</i>).
	Ngenxa yoku, ukutshintsha kwemeko yakhe ngokutshata abe ngumntu omdala akumthinteli loo mfundi ukuba aqhubeke afunde kwisikolo sikarhulumente.
Abafundi abagxothiwego (Expelled learners)	NgokweSiqendu 9(5) se-SASA, apho umfundi, obudala buphakathi kweminyaka esixhenxe nelishumi elinesihlanu, nothi ngenxa yoku abe ekubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo (<i>subject to compulsory school attendance</i>), agxothwe kwisikolo sikarhulumente, iNtloko yeSebe leMfundu okanye umntu edlulisele kuye amagunya ayo, mayenze/makenze amalungiselelo okuba loo mfundi afakte kwasinye isikolo sikarhulumente.
Ukfikelela kwiprogram epheleleyo yesikolo	ISiqendu 41(7) se-SASA sicacisa sithi umfundi wamkelwa kwiprogram yesikolo epheleleyo kwaye makangaze amiswe ekuhambeni iiklasi (<i>suspended</i>), athintelwe ukuba enze izinto zenkcubeko, ezemfundu, ezemidlalo okanye ezolonwabo apho esikolweni, okanye anganikwa iripoti yesikolo, okanye axhatshazwe ngandlela yimbi, ngenxa yokuba umzali wakhe engahlawulanga iifizi zesikolo.
Ukuxolelwa kwintlawulo yeefizi zesikolo (Exemption from payment of school fees) IGazethi kaRhulumente 29392 kaNovemba 2006	Ibhunga lolawulo lesikolo (SGB), kwakunye nenqununu yesikolo njengelungu le-SGB ngenxa yesikhundla sayo (<i>ex officio member</i>), malazise abazali ngemithetho yokunikwa uxolelo kwintlawulo yeefizi zesikolo nangelungelo labo lokwenza isicelo sokunikwa uxolelo ngokupheleleyo (<i>complete exemption</i>), okanye sokuxolelwa phantsi kwemiqathango okanye ngokuyinxenye (<i>conditional or partial exemption</i>) kwifizi zesikolo ngokungqinelana neSiqendu 40 se-SASA; kunye nemiselo ephathelele kuXolelo IwaBazali kwiNtlawulo yeeFizi zeSikolo kwiZikolo zikaRhulumente 2006 (<i>National Regulations relating to the Exemption of Parents from the Payment of School Fees in Public Schools 2006</i>).

6. IZENZO EZINGEKHO MTHETHWENI EMAZINGABIKHO KWIMIGAQO-NKQUBO YOKWAMKELWA KWABAFUNDI EZIKOLWENI OKANYE EMAZINGENZIWA KWIZIKOLO ZIKARHULUMENTE

lifizi zokubhalisa, iidipozithi, iifizi zesikolo, iifizi zokuvavanyelwa iibhasari	ISiqendu 39(5) se-SASA simisela ukuba izikolo azinakubiza zifizi ezifana nezokubhalisa, idipozithi, nezokwamkelwa kwakhona okanye iifizi zovavanyo ngaphambi kokwamkelwa, okanye naziphi na ezinye iifizi ngexesha lokwenziwa kwesicelo sokwamkelwa. lifizi zesikolo, kune naziphi na ezinye iifizi, zingabizwa kuphela, emva kokuba umfundu exelelwwe ngeleta ebhaliwego ukuba uvunyiwe ukwamkelwa esikolweni.
Ukusetyenziswa kokupasa ezifundweni	Izikolo mazingasebenzisi ukupasa ezifundweni kwabafundi (<i>academic performance</i>) ukulungiselela ukwamkelwa kwabafundi esikolweni.
Udliwano-ndlebe	Izikolo mazingaze zisebenzise udliwano-ndlebe nabazali okanye nabafundi ngaphambi kokwamkelwa komfundi njengendlela yokubahlusa, ngaphandle kwabafundi abanezinthintelo ekufundeni abanqwenela ukungena kwisikolo sikarhulumente esiqhelekileyo nabafundi abanqwenela ukungena esikolweni esifundisa izifundo ezizodwa (<i>specialist subjects</i>), umzekelo izikolo zezolimo, iiDinaledi nezikolo ezixila kokuthile.
Ukubhaliswa kwakhona	Izikolo mazingaze zibhalise kwakhona (re-register) abafundi (umz. ekuqaleni konyaka) abasele bebhaliwi esikolweni.
Ukwazi ukufikelela kwikarityhulam ngokupheleleyo	ISiqendu 39(6) se-SASA simisela ukuba “ <i>a public school may not charge a parent of a learner at that school different school fees based on curriculum or extra-mural curriculum within the same grade.</i> ” Oku kuthetha ukuba bonke abafundi abakwibakala elinye besenza izifundo ezifanayo bayo kukwazi ukufikelela ngokufanayo kwizifundo ezifundiswayo nakwizinto ezenziwa ngaphandle kwamagumbi okufundisela (<i>extra-mural</i>) nezinto ezonegeza kwikarityhulam (<i>extra-curriculum</i>) ezenziwa sisikolo
lifizi zezikolo ezingahlawulwanga	ISiqendu 5(3) (a) se-SASA sicacisa sithi akukho sicelo sokwamkelwa masaliwe ngenxa yokuba umzali okanye umfundu engenako ukuhlawula iifizi zesikolo zonyaka.
	QAPHELA: Akukho mntwana uya kohluthwa ilungelo lokuqhube ka nemfundo yakhe esikolweni abhalise kuso ngenxa yokuba kukho iifizi ezingekahlawulwa.
Ukubanjwa kwengcaciso anganikwa	ISiqendu 41(7) se-SASA sicacisa ukuba “ <i>umfundu akanakohluthwa (deprived) ilungelo lakhe lokuthatha inxaxheba kuzo zonke izinto eziqhube kayo zeprogram (all aspects of the program) yesikolo sikarhulumente nakuba abazali bakhe bengahlawulwanga iifizi zesikolo yaye makangaze axhatshazwe (victimised) nangayiphi na indlela, kubandakanya kodwa kungaphelelanga kwezi zenzo zilandelayo:</i> .
	<ul style="list-style-type: none"> a) ukunqunyanyiswa ekuyeni eziklasini (<i>suspension from classes</i>) b) ukupathwa kakubi ngokuthethelwa ngamazwi alukhuni okanye ngezinye iindlela zempathombi (<i>verbal or non-verbal abuse</i>) c) ukwalelwya ukufikelela – <ul style="list-style-type: none"> i) kwizinto zenkcubeko, ezemidlalo okanye ezolonwabo zesikolo; okanye ii) kwiprogram yesondlo yesikolo efunyanwa ngabo bafundi bafanele ukuyifumana ngokwemigaqo-nkqubo esebebenzayo; okanye d) ukwala anganikwa iripoti yesikolo okanye isatifikethi sokutshintshela kwesinye isikolo”.

7. UBHALISO LOMFUNDI KWISIKOLO SIKARHULUMENTE LUNEZIGABA EZIBINI:

ISIGABA 1 ISICELO SOKUCELA UKWAMKELWA (APPLICATION FOR ADMISSION)

Ukwenza isicelo sokwamkelwa esikolweni	Isigaba sokuqala sichaphazela oku kulandelayo: (a) Ukuzaliswa kwefom yokwenza isicelo sokwamkelwa komfundi esikolweni.
Ukwaziswa (Notification)	(b) Isikolo umfundi enze kuso isicelo sokwamkelwa, masazise umzali okanye umfundi ukuba isicelo sokwamkelwa komfundi siphumelele okanye asiphumelelanga, yaye, ukuba isicelo siphumelele umzali nomfundi mabatsho ukuba ngaba bayayamkela na okanye abayamkeli indawo esikolweni.
ISIGABA 2	UBHALISO LOKUFAKWA EZINCWADINI (REGISTRATION FOR ENROLMENT)
Ubhaliso kwi-CEMIS yephondo	Isigaba sesibini siqala emva kokuvunywa komfundi, ngokuthi kwenziwe ubhaliso (registration) olunyanzelekileyo lomfundu kwiCentral Education Management Information System (CEMIS) njengenxalenye yokufakwa ezincwadini zesikolo.

8. AMAXWEBHU AFUNEKAYO OKWAMKELWA NOKUBHALISWA KWABAFUNDI ESIKOLWENI SIKARHULUMENTE

Amaxwebhu okwamkelwa

Ifom yokwenza isicelo sokwamkelwa kwabafundi	Isikolo ngasinye sikarhulumente masinike, xa kwenziwe isicelo, abo baza kuba ngabenzi-sicelo okanye abazali babo ifom yokwenza isicelo sokwamkelwa kwabafundi. Makusetyenziswe iForm yoBhaliso IwaBafundi i-WCED CEMIS Learner Registration Form) -. Ukongeza kwingcaciso enyanzelekileyo yeCEMIS, isikolo sinokufuna enye ingcaciso efunwa sisikolo ukulungiselela iinjongo zaso zezolawulo neerekhodi.
Amaxwebhu anyanzelekileyo okwamkelwa kwabafundi	NgokoMgaqo-nkqubo woKwamkela kwaBafundi (National Admission Policy), imihlathi 14 -17 kunye nangokwalo mgaqo-nkqubo weWCED, la maxwebhu alandelayo anxulumene nomfundi <u>makahanjiswe</u> kunye nefom yokwenza isicelo ukuze isicelo eso siqwalaselwe:
Isazisi okanye isatifikethi sokuzalwa	Isatifikethi sokuzalwa esi-abrijiweyo (abridged) esisemthethweni okanye isazisi (ID); okanye, xa engekho amaxwebhu alolu hlobo, ubungqina obusemthethweni bokuba isicelo sesatifikethi sokuzalwa okanye sesazisi senziwe kwiSebe leMicimbi yezeKhaya (Department of Home Affairs).
Ubungqina bokugonywa	Ubungqina obubhaliweyo bokugonyelwa izifo ezosulelayo: ipoliyo, imasisi; isifo sephepha (iTB), isifo somqala (<i>diphtheria</i>), isifo sokuqina kwemihlathi (<i>tetanus</i>) nesifo sokudumba kwesibindi (<i>hepatitis B</i>)
IRipoti yesikolo	Iripoti yesikolo eyintsusa (original) eyona yakutshanje ekhutshwe sisikolo umfundi ebefunda kuso
Ileta yokutshintsha isikolo	Ukungqinelanisa inkqubo yokwamkelwa kwabafundi neCEMIS yeWCED, ileta yokutshintsha isikolo eyintsusa (<i>original school transfer letter</i>) esuka kwisikolo ebekuso umfundi isoloko ifunwa sisikolo umfundi atshintshela kuso (kuzo zonke iimeko apho umfundi anqwenela ukutshintshela kwesinye isikolo seWCED).

Abafundi abatshintshela kwisikolo sikarhulumente seWCED besuka kwizikolo ezizimeleyo (*independent schools*) nabo kufuneka beze nawo onke la maxwebhu akhankanywe apha ngentla.

Abafundi abatshintshela kwisikolo sikarhulumente seWCED besuka kwizikolo zasemakhaya (*home education*) nabo kufuneka beze nawo onke la maxwebhu achazwe apha ngentla, ngaphandle kweleta yokutshintshela kwesinye isikolo (*transfer letter*) okanye ikhadi lokutshintshela kwesinye isikolo xa besenza isicelo sokwamkelwa kwabo.

Abemi abangengabo abaseMzantsi Afrika kufuneka nakubo la maxwebhu angasentla anyanzelekileyo okwamkelwa kwabafundi, kwakunye nala maxwebhu alandelayo:

liphemithi
zokuhlala
kweli lizwe

NgokoMgaqo-nkqubo woKwamkelwa kwaBafundi (*National Admission Policy*), imihlathi 20-21, lo mgaqo-nkqubo weWCED wokwamkelwa kwabafundi esikolweni usebenza ngokufanayo nakubafundi abangengabo abemi boMzantsi Afrika abanabazali **abanephemithi yokuhlala kweli lizwe** yethutyana okanye esisigxina ekhutshwe liSebe leMicimbi yezeKhaya (*Department of Home Affairs.*) Izikolo mazifumane zize zigcine ikopi engginiweyo (certified copy) yephemithi yokuhlala kweli lizwe esemthethweni.

OKANYE
liphemithi
zokufunda

Umfundi, okanye umzali [abazali] womfundu ongene kweli lizwe **ngephemithi yokufunda**, uya kuzisa iphemithi yokufunda xa esenza isicelo sokwamkelwa kwabafundi. Isikolo masifumane ikopi engginiweyo yephemithi yokufunda.

abantu abathathwa ngokuba ngabangeneleli abangekho mhethweni (*Persons classified as illegal immigrants*), xa besenzela abantwana babo okanye bona izicelo zokwamkelwa esikolweni, mababonise ubungqina bokuba bazenzile izicelo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya ukwenzela ukuba ukuhlala kwabo kweli lizwe kube semthethweni ngokoMthetho waBangeneleli (*Immigration Act*), 13/2002 okanye uMthetho wezeMbacu (*Refugees Act*), 130/1998.

AMAXWEBHU OBHALISO

**Ubhaliso
IweCEMIS
olunyanzelekileyo**

Bonke abafundi abakwinkqubo yesikolo yeWCED (*WCED school system*) mababhaliswe kwi-*CEMIS system* yeWCED.

lifom zeCEMIS
IFom yoBhaliso
IwaBafundi

IFom yoBhaliso IwaBafundi isetyenziselwa ukubhalisa abafundi abangena kwisistim yesikolo yeWCED (*WCED school system*) okokuqala ngqa, umz. kwiBakala 1 okanye xa bebhalisa kwisikolo sikarhulumente besuka kwelinye ipondo okanye ilizwe.

ISatifikethi
se-CEMIS
sokuTshintshela
kweSinye iSikolo

ISatifikethi se-CEMIS sokuTshintshela kweSinye iSikolo (CEMIS Transfer Certificate) siyafuneka xa umfundi eshiya isikolo esiya kwesinye isikolo seWCED. Esi satifikethi sisetyenziselwa ukukhupha umfundi kwiincwadi zobhaliso zesinye isikolo seWCED ukuze abhaliswe kwakhona kwesinye isikolo seWCED.

ISatifikethi
seCEMIS
sokuKhutshwa
eziNcwadini

ISatifikethi se-CEMIS sokuKhutshwa eziNcwadini (CEMIS De-registration Certificate) sisetyenziselwa ukukhupha ezincwadini abafundi abamkayo abaphumayo kwinkqubo yesikolo ye-WCED (*WCED school system*) ngokupheleleyo. Esi satifikethi sikwafunwa naxa abafundi abakubudala obufanelekileyo bokuhamba isikolo nababephumile ngaphambili kwinkqubo

yesikolo ye-WCED benqwenela ukubuya baze babhalise kwakhona kwisikolo sikerhulumente se-WCED.

Irejista yokwamkela abafundi

I-CEMIS yeWCED ithatha indawo yerejista yokwamkela abafundi ebizaliswa ngesandla njengoko bekufuneka ngokwalo mqaqo-nkqubo kazwelonke. Izikolo mazithi nangona kunjalo, ziqinisekise ukuba kugcinwa irejista okanye ifayili yazo zonke iinkcukacha zokwamkelwa kwabafundi, ezeedilesi zabazali babafundi, ingcaciso yonyango (*medical information*), njl. njl., njengoko ingcaciso elolu hlolo ingekho yonke kwisistim ye-CEMIS. Izikolo mazisoloko ziylaziya qho ingcaciso engabafundi eyongezelweyo.

Iprofayili yomfundi

Iprofayili yomfundi mayicelwe kwisikolo sangaphambili umfundi ebefunda kuso. Iya kuba nengcaciso yamvanje ngomfundi, irekhodi yovavanyo, nerekhodi yokupasa komfundi ngokwamabakala (*record of the learner's grade progressions*).

QAPHELA: imigqaliselo (*prescripts*) emalunga neprofayili yomfundi kwi-“...National Protocol for Assessment [Grades R–12]” ekwi-Gazethi kaRhulumente 29467 kaDisemba 2006, imihlathi 32 – 39.

9. AMAXESHA ABEKIWEYO OKWAMKELWA KWABAFUNDI NGONYAKA

Ukuqalela kuMatshi wonyaka ongaphambi kokwamkelwa kwabafundi	<p>UNdlunkulu weSebe iWCED uqhuba iphulo laqho ngonyaka lokuxhasa ngamandla ubhaliso lwabafundi.</p> <p>Ziyacelwa izikolo ukuba ziqhube amaphulo azo yaye ziwaxhase ngamandla kwasekuqaleni konyaka wesikolo.</p>
Usuku lokuqala Iwesikolo ku- Apreli	Izikolo mazilungele ukususela kulo mhla ukufumana izicelo zokwamkelwa kwabafundi ezikolweni konyaka wesikolo ozayo.
ULwesihlanu wokuqala kuJuni	Umhla wokuvalwa komjikelo wokuqala wezicelo zokwamkelwa kwabafundi ezikolweni zikarhulumente.
Iveki yokugqibela yesikolo ngoJuni	<p>Izikolo zazisa bonke abazali ngokubabhalela ukuba izicelo zokwamkelwa kwabafundi ziphumelele okanye aziphumelelanga kusini na.</p> <p>Apho amkelweyo umfundu, umzali makatsho ngencwadi ebhaliweyo ukuba uyasamkela okanye akasamkeli isithuba asinikiweyo ngoLwesine wokuqala kwiveki yokuqala yesikolo ngoJulayi.</p>
ULwesihlanu weveki yokuqala yesikolo ngoJulayi	<p>linqununu zingenisa kubalawuli bezithili zazo iifom zesiHlomelo A nesiHlomelo B zeWCED ezizaliswe ngokupheleleyo ezinale ngcaciso ilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Inani lezithuba kwibakala ngalinye nakulwimi lokufundisa ngalunye ▪ Inani neenkukacha zabafundi abangamkelwanga esikolweni kanye nezizathu zokuba kungani na bengamkelwa abafundi esikolweni.
UMvulo woku- gqibela ku-Julayi	Izicelo zokwamkelwa kwabafundi ziyavulwa kwakhona ityeli lesibini nelokuggibela.
ULwesihlanu weveki yesikolo yokugqibela ngo- Septemba	Umhla wokuvala umjikelo wokugqibela wezicelo zokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente.
ULwesihlanu weveki yesikolo yokuqala ngo- Oktobha	<p>Izikolo zazisa bonke abazali ngokubabhalela ukuba izicelo zokwamkelwa kwabafundi ziphumelele okanye aziphumelelanga.</p> <p>Apho siphumeleleyo isicelo, umzali uyaphendula ngencwadi ebhaliweyo kwiintsuku zesikolo ezili-10 atsho ukuba uayamkela okanye akayamkeli loo ndawo ikweso sikolo</p>
ULwesihlanu wokugqibela ku- Oktobha	<p>linqununu zingenisa kwakhona iifom zesiHlomelo A nesiHlomelo B zeWCED ezizalisiweyo kubalawuli besithili zokubanika ingcaciso</p> <ul style="list-style-type: none"> • ngenani lezithuba kwibakala ngalinye nakulwimi lokufundisa ngalunye. • ngenani neenkukacha zabafundi abangamkelwanga esikolweni kanye nezizathu zokuba kungani na bengamkelwa abafundi esikolweni. <p>linqununu mazithathelo ingqalelo ukupasa kwabafundi ukugqithela kwesinye isigaba (<i>progression of learners</i>) xa zibala inani lezithuba kwibakala ngalinye ukulungiselela unyaka olandelayo.</p>
1 Novemba ukuya ekuqalen kwekota yokuqala	<ul style="list-style-type: none"> - Izikolo ezsenezithuba ziyaqhubea nokwamkela abafundi - Izithili zithumela abazali kwezo zikolo zisenezithuba ezikhoyo

10. IINKQUBO ZOLAWULO LOKWAMKELWA KWABAFUNDI

Inkxaso engamandla yeWCED yobhaliso kwangethuba	ISebe iWCED nezikolo zalo, liqhuba iphulo ngamandla lokukhumbuza nokukhuthaza uluntu ukuba lubhalise abantwana ezikolweni ukulungiselela unyaka olandelayo. Eli phulo liqhutywa ngamandla likwenzelwa nokunika ingcaciso abazali nabafundi ngezinto ezifunekayo ukuze bamkelwe kwizikolo zikarhulumente kunye namaxwebhu anyanzelekileyo amakahanjiswe kunye nesicelo.
Umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi wesikolo	Umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi wesikolo mawufumanneke esikolweni xa umzali/umfundu enqwenela ukuwufunda aphi esikolweni. QAPHELA: Izikolo mazingaze zisebenzise inkqubo yodliwano-ndlebe yokubuza abazali nabafundi imibuzo njengendlela yokubahlusa ngenjongo yokubamkela.
Ifom yokwenza isicelo	Makwensiwe iikopi zeefom zoBhaliso zeCEMIS (<i>Cemis Registration Forms must be copied</i>) zize zisetyenziswe zizo zonke izikolo zikarhulumente ukwenzela ukwamkela abafundi ezikolweni. Nayiphi na ingcaciso eyongezelelweyo engomfundu/engabazali bomfundu [umz. iidilesi, ingcaciso ngonyango] ingafunyanwa kwiifom ezongezelelweyo ezenziwe sisikolo. IFom WCED 006 ayisanyanzelekanga.
Ingcaciso eya kubazali	Xa umzali okanye umfundu esenza isicelo sokwamkelwa esikolweni, isikolo siya kwenza ukuba le ngcaciso ilandelayo ifumaneko kubo bonke abenzi-sicelo: <ul style="list-style-type: none"> • Umgaqo wokwamkelwa kwabafundi wesikolo • Umgaqo wokuziphatha wesikolo • lifizi ezihlawulwa esikolweni – kubandakanya nazo zonke iindleko ezingachazwanga okanye ezongezelelweyo (<i>hidden or additional fees</i>) • Ukuxolelwa (<i>exemption</i>) ekuhlawuleni ifizi zesikolo
Ingcaciso ngeefizi zesikolo	Umzali (abazali) okanye abafundi mabachazelwe ngokuzeleyo ngomgaqo-nkqubo weefizi wesikolo (<i>school fee policy</i>) ngexesha lokwenza isicelo. Abazali abangenako ukuhlangabezana neemfuno zentlawulo yeefizi mabaxeletwe ngeendlela zentlawulo abanokukhetha kuzo neenkubo zokuxolelwa kwintlawulo yeefizi ngokweMithetho yokuxolelwa kwabazali kwintlawulo yeefizi zesikolo (Regulations for the exemption of parents from payment of school fees) eyapapashwa ngokwe-SASA iSiqendu 39(4), (njengoko sifakelwe izilungiso) kwezi Gazethi zikaRhulumente 29311 no-29392 zika-2006, nangokwesicwangciso esitsha sokuxolelwa kwintlawulo yeefizi (<i>new exemption table</i>) esikule Setyhula WCED 0001/2007. Le mithetho yaqalisa ukusebenza nge-1 Januwari 2007. Abazali mabaxeletwe kwakhona ukuba mabathi lingekapheli ixesha bafake izicelo ezelolu hlubo kwakunye nangelungelo lokufaka isibheno kwiNtloko yeSebe esichasa isiggibo esithathwe yi-SGB malunga nempendulo kwisicelo sokuxolelwa kwintlawulo yeefizi zesikolo. Isikolo masibancedise abazali kwezi nkqubo. Intlawulo yeefizi zesikolo ezinyanzelekileyo ezicetywayo mayibandakanye zonke ifizi zeencwadi, izinto zokubhala okanye naziphi na ifizi eziyimfuneko kwizinto eziqhube ka esikolweni apha enyakeni kwakunye nefomula yezemali (<i>financial formula</i>) ecaciswe kwimimiselo ekwiGazethi kaRhulumente 29311 ka-2006 (<i>Regulations contained in the Government Gazette 29311of 2006</i>), yokuxolelwa kwabazali abangenako ukuhlawula ifizi ezo. Olu xolelo lungaba loluzenzekelayo (<i>automatic</i>), lolupheleleyo (<i>total</i>), loluyinxenyne (<i>partial</i>) okanye loluphantsi kwemiqathango (<i>conditional</i>). Aphi kuthiwe isikolo 'Sisikolo esingabizi zifizi' ('No-fee school') ngokweSiqendu 39(7) seSASA, akukho ntlawulo yeefizi zesikolo ezinyanzelekileyo iya kubizwa.

Ukunikwa indawo yokwamkelwa kuqala kunabanye abafundi Apho kukho iindawo zokufunda ezinganelanga (*insufficient vacancies*) kwisikolo sikarhulumente, kuya kukhethwa kuqala ukwamkela abafundi abakubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo kunabo bebehutshwe ezincwadini zesikolo (*de-registered learners*) abangekho kubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo, nabo bangaphezu kobudala bokwamkelwa [*I/Bakala neminyaka eyi-6 nemibini okanye ngaphezulu*], nabo bangaphantsi kobudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo. Abafundi abakhutshwe ezincwadini abakubudala obungaphezu kobunyanzelekileyo bokuhamba isikolo mabathunyelwe kwiziko le-AET okanye kwikholeji ye-FET.

11. INKQUBO YOKWENZA ISICELO SOKWAMKELWA ESIKOLWENI

Isicelo sokwamkelwa Isicelo sokwamkelwa komfundi kwisikolo sikarhulumente senziwa kwinqununu yesikolo apho umfundu acela khona ukwamkelwa. Umzali/umfundu wenza isicelo sokwamkelwa esikolweni ngokuthi eze namaxwebhu anyanzelekileyo, kubandakanywa iripoti yesikolo yakutshanje **eyintsusa** nefom yokwenza isicelo ezaliswe ngokupheleleyo.

Isikolo siya kwenza ikopi yeFom yoBhaliso ye-Cemis (*copied CEMIS New Registration Form*) ifumanek kuye nawuphi na umzali okanye umfundu ofuna ukwamkelwa, kwaye siya kumncedisa loo mntu ukuba ayizalise ifom yesicelo, ukuba uyalufuna olu ncedo.

Akukho zifizi zesikolo **kungekho naziphi na ezinye iintlawulo** eziya kuhlawulwa xa kusenziwa isicelo sokwamkelwa komfundi.

Irisithi yokwamkelwa (Admission receipt) Bonke abenzi-sicelo abenza izicelo esikolweni baze bazalise ifom yokwenza isicelo sokwamkelwa esikolweni mabanikwe iirisithi (*receipt*), nezifikwe inombolo yolandeletwano (*numbered in sequence*), yokwamkelwa sisikolo. Ezi inokuba ziikopi zeefom zeCEMIS okanye iirisithi zesikolo ngokwaso ezikhutshelwa abazali okanye abafundi abenza isicelo.

Xa umfundu esenza isicelo sokwamkelwa esikolweni, inqununu, ngomhla wokuvala kwezicelo zokwamkelwa, ingamamkela okanye ingamamkeli umfundu esikolweni ngokungqinelana nomgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi wesikolo noxhomekeke kwizifundo ezifundiswayo nokubakho kwendawo eziklasini.

Ukulawula kwamaxwebhu anyanzelekileyo Onke amaxwebhu afunekayo **anyanzelekileyo nayintsusa** (*compulsory original documents*) njengoko kuchaziwe kulo mgaqo-nkqubo weWCED, **makahanjiswe kunye** nesicelo sokwamkelwa komfundi.

Isazisi (ID) Apho umfundu angenaso isatifikethi sokuzalwa esi-abrijiwego (*abridged*) okanye isazisi, (ID), inqununu iya kuyalela umzali/umfundu ukuba aye kwiSebe leMicimbi yezeKhaya (*Department of Home Affairs*) ukwenzela ukufaka isicelo sokufumana olo xwebhu.

Umzali okanye umfundu **makaxeletwe** ukuba isicelo sokwamkelwa esikolweni siya kuqwalaselwa kwakuziswa ubungqina obubhaliwego obuvela kwiSebe leMicimbi yezeKhaya bokuba isicelo sesatifikethi sokuzalwa esi-abrijiwego (*abridged*) okanye sesazisi senziwe. Inqununu mayicacisele umfundu okanye abazali ukuba isicelo

sokwamkelwa komfundi siya kugcinwa kangangeenyanga ezintathu, ngokuxhomekeke ekubeni umzali okanye umfundu bafumana isatifikethi sokuzalwa okanye isazisi (*ID*), okanye ubungqina besicelo sesatifikethi sokuzalwa esi-abrijiweyo okanye besazisi (*ID*), kwiSebe leMicimbi yezeKhaya.

Abafundi abangazange babhaliswe kwisistim ye-CEMIS ye-WCED [umz. abasuka kwelinje iphondo] nabanqwenela ukwamkelwa kwisikolo sikarhulumente seWCED ngaloo nyaka, nabangenaso isatifikethi sokuzalwa esi-abrijiweyo okanye isazisi (*ID*), bangamkelwa phantsi kwemiqathango (*conditionally*) okweenyanga ezintathu kude kufunyanwe ikopi yesafikethi sokuzalwa somfundi, okanye ubungqina bokuba isicelo sesazisi (*ID*) senziwe kwi-ofisi yengingqi yeSebe leMicimbi yezeKhaya

Kucetyiswa ukuba izikolo zincedise abazali ukuba bafumane amaxwebhu ayimfuneko kwiSebe leMicimbi yezeKhaya ukukhawulezisa inkubo yokwamkelwa kwabafundi esikolweni nokuqinisekisa ukuba abafundi bafundiswa imfundo esemgangathweni.

Isatifikethi
sokugonywa

Makunikwe kwakhona inqununu ubungqina obubhaliweyo bokugonyelwa ezi zifo zosulelayo zilandelayo obukhutshwe liziko leeNkonzo zezeMpilo okanye ngugqirha:

Ipoliyo, imasisi, isifo sephepha (iTB), isifo somqala (*diphtheria*), ukuqina kwemihlathi (*tetanus*) nesifo sokudumba kwesibindi (*hepatitis B*)

Xa kungekho bungqina bunjalo bufumanekayo, inqununu yesikolo iya kuyalela umzali nomntwana ukuba baye kwiklinikh iyezempiro ekufuphi.

Emva kogonyo, umzali uya kuzisa ubungqina bogonyo kwinqununu neya kuthi ke iqhubeku nenkqubo yokwamkelwa komfundi esikolweni.

Abazali abangafuniyo ukuba abantwana babo bagonywe, baya kwenza isicelo kwiNtloko yeSebe (*Head of Education (HoD)*) neya kwenza isiggibo malunga nalo mbandela.

Ngokuxhomekeka kwisigqibo seNtloko yeSebe, umfundu ochaphazelekayo makangamkelwa esikolweni ukukhusela impilo yabanye abafundi.

Iripoti yesikolo
yakutshanje

Umfundi makazise kwinqununu **iripoti yesikolo eyintsusa (original)** yakutshanje. Le ripoti iyintsusa iya kuqinisekisa ukuba umfundu ufakwa kwibakala elichanekileyo. linqununu mazenze konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba iripoti ezisiweyo isemthethweni.

QAPHELA imigqaliselo (*prescripts*) malunga namakhadi eeripoti kwi-“...National Protocol for Assessment [Grades R–12]” ekwiGazethi kaRhulumente 29467 kaDisemba 2006, umhlathi 30.

Ileta
yokutshintshela
kwesinye isikolo
eyintsusa (*Original
school transfer
letter*)

Ukungqinelanisa inkubo yokwamkelwa kwabafundi neCEMIS yeWCED, xa umfundu efuna ukutshintshela kwesinye isikolo se-WCED [esikarhulumente okanye esizimeleyo], makeze **neleta yokutshintshela kwesinye isikolo eyintsusa (original school transfer letter)** xa esenza isicelo sokwamkelwa kwesinye isikolo se-WCED. Abafundi abanqwenela ukwenza isicelo sokwamkelwa kwesinye isikolo se-WCED baya kucela ileta yokutshintshela kwesinye isikolo **eyintsusa (original school transfer letter)** kweso sikolo umfundu afunda kuso njengangoku. Inqununu yesikolo umfundu afunda kuso, iya kunika umfundu loo leta yokutshintshela kwesinye

isikolo (*transfer letter*). Ileta yokutshintshela kwesinye isikolo mayingqine ukubhaliswa komfundi esikolweni kwaye mayibenegama lomfundi, inombolo ye-ID nebakala. Ileta yokutshintshela kwesinye isikolo mayibe kuxwebhu oluneletahedi yesikolo, isayinwe yinqununu ifakwe nestampu sesikolo.

Iphemithi
yokuhlala kweli
lizwe/Iphemithi
yokufunda

Izikolo mazenze ikopi yephemithi yokuhlala kweli lizwe esemthethweni, okanye iphemithi yokufunda esemthethweni, zize ziyyiqhoboshele kwifom yokwenza isicelo.

Ukwenzela ukunceda abemi abaziimbacu (*refugees*) ukuba bafumane amaxwebhu ayimfuneko, iinqununu zezikolo namagosa ezithili bangacebisa ukuba abantu abalolu hlobo mababhalise kwiZiko leeMbaci (*Centre for Refugees*), *ngokoMthetho weeMbaci (Refugees Act)*, 130/1998.

Abantu abahlelwa njengabemi abangengabo abaseMzantsi Afrika nabahleli ngokungekho mthethweni (*illegal aliens*) mabathi xa besenza izicelo zokwamkelwa kwabantwana babo okanye zokwamkelwa kwabo kwizikolo zikarhulumente, babonise ubungqina bokuba basenzile isicelo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya ukuze ukuhlala kwabo kubesemthethweni kweli lizwe ngokoMthetho waBangeneleli (*Immigration Act*), 13/2002.

Abafundi abavela kwamanye amazwe angenguwo uMzantsi Afrika mabeze nekhadileripoti eyintsusa yakutshanje (*the most recent original report card*) kweso sikolo okanye kwelo ziko bagqibele kulo ukufunda.

Ukutshintsha
usuke kwisikolo
esizimeleyo
okanye
ekufundeni
ekhaya

Abafundi abatshintshela kwizikolo zikarhulumente zeWCED besuka kwisikolo esizimeleyo okanye ekufundeni ekhaya (*home education*) kufuneka beze namaxwebhu afanayo okwamkelwa nawobhaliso njengoko eyimfuneko kulo mgaqo-nkqubo.

Isaziso esithunyelwa kubazali

Ilisti zokulinda

Inqununu yesikolo mayazise umzali (abazali) okanye umfundsi ngencwadi ebhaliwego, ngaloo maxesha amisiwego acacisa ngulo mgaqo-nkqubo, kodwa zingadlulanga iintsuku ezili-10 zesikolo emva komhla wokuvalwa kwezelito, ukuba umfundsi wamkelwe okanye akamkelwanga esikolweni. Izikolo mazithumele ileta ngeposi ebhaliswayo (*registered post*) okanye mazivelise isistim (*devise a system*) ebandakanya ukusayinela ukufumana isaziso. Ikopi yeleta yesaziso nobungqina bokuhanjisa kwayo nesiginitsa yokufunyanwa kwayo mayigcinwe efayilini. Khangela kwakhona amaXesha oKwamkelwa kwaBafundi kulo mgaqo-nkqubo.

Ukuba umfundsi ufakwe kwilisti yokulinda, isikolo masazise abazali okanye abagcini bomntwana ukuba mabenze isicelo kwezinye izikolo ukuqinisekisa ukuba umfundsi uyamkelwa esikolweni kunya ozayo. Isikolo masicacise ngokuthe gca ukuba sinokungabikho isithuba esikolweni.

Apho umfundsi angamkelwanga, le leta iya kunika izizathu zoko.

Ukwamkela indawo esikolweni

Apho umfundsi athe wamkelwa, ileta yokumazisa mayicele ileta engqinayo ebhaliwego evela kumzali (kubazali) okanye kumfundsi ngomhla ocacisiwego ecacisa ukuba umfundsi uya kulamkela ibakala afakwe kulo kweso sikolo.

Ukuphulukana nendawo kwibakala	Ileta eya kumzali (kubazali) okanye kumfundu iya kuyicacisa gca into yokuba, ukuba isikolo asiyifumani impendulo ebhaliwego ngomhla obekiwego, umfundu uya kuphulukana nendawo kwelo bakala.
	Umzali omntwana wakhe ufakwe kwibakala elithile, kodwa engayamkeli le ndawo ngethuba elibekiwego, angenza isicelo kwakhona kwakweso sikolo sinye okanye kwesinye isikolo sokuba amkelwe.
Abafundi ababudala bunga-phezu kobo bamkelekileyo	Umfundi okubudala obungaphezu kobo bamkelekileyo (<i>over-age learner</i>) ngumfundu omdala ngeminyaka emibini kwiqela lobudala bokwamkelwa esikolweni (<i>age group norm</i>) [IBakala neminyaka eyi-6] kwelo bakala lithile. Kusetyenziswa imigqaliselo neenkqubo zokwamkelwa kwabafundi abakubudala obungaphezu kobo bamkelekileyo ezikwiSetyhula 240/2003.
Abafundi beBakala R	Xa kusamkelwa abafundi beBakala R, makusetyenziswe imimiselo neenkqubo ezikwiSetyhula 46/2004 .
	Izikolo ezifumene iiklasi zeBakala R <u>mazizisebenzisele kuphela ukufundisa iBakala R ezo klasi.</u>
Abafundi abatshatileyo	Izikolo zinokubanika iingcebiso abafundi abatshatileyo kodwa zingabanyanzeli, ukuba baqhubeke nezifundo zabo kwimeko engafaniyo neyesikolo esiqhelekileyo (<i>less formal education setting</i>) apho kungekho miqathango kwisinxibo amabasisebenzise, nakwiyyure zokuhamba isikolo yaye benokukhetha ukuthatha inxaxheba kwizinto eziqhubeckayo esikolweni emva kwemini nangamathuba eehambo zesikolo njl.njl.

12. UBHALISO KWI-CEMIS

Ukubhaliswa kwabafundi kwiCEMIS yeWCED **kunyanzelekile**. Bonke abafundi abamkelwa esikolweni mababhaliswe kwiCEMIS. Bonke abafundi abaphumayo esikolweni mabakhutshwe kubhaliso lwasikolo kwisistim yeCEMIS.

Zonke izinto ezibhalwa (*entries*) kwiCEMIS zenziwa ekhompyutheni kwi-Intanethi. Izikolo eziziiprayimari nezikolo ezidityanisiwego zingabhalisa amanani amakhulu abafundi abaqaalayo ukubhalisa (*new registrations*) kwisixhobo esisetenziswa ngaphandle konxibelewano lwekhomyutha (*off-line tool*) njengoko kumiselwe yiCEMIS. Buza ngokwazi ukufikelela kwiCEMIS kule nombolo yefoni 0800 204 800.

I-CEMIS YE-WCED I-CEMIS ivelisa (*generates*) inombolo yokuzazisa eyodwa engafani nenyi *i-unique WCED identity number* xa umfundu ebhaliswa kwisistim. Le nombolo yokuzazisa yeWCED isetyenziswa kuwo onke amaxwebhu neefom ezisemthethweni ezimalunga naloo mfundu.

Iziko ledatha leCEMIS (*CEMIS database*) lesikolo sikarhulumente ngasinye liya kubonisa bonke abafundi ababhaliswe kweso sikolo.

Amaxwebhu e-CEMIS asemthethweni oku kulandelayo:

Ubhaliso lokuqala ngqa Angaba ngawabafundi abangena kwiBakala R okanye 1 eNtshona Koloni okanye angaba ngawabafundi abakulo naliphi na ibakala abavela kwelinje iphondo, kwelinje ilizwe, kwisikolo esizimeleyo okanye kwisikolo sasekhaya. Xa umfundu

Ifom yoBhaliso yoMfundu	ongazange abe kwisikolo sikarhulumente seWCED ebhaliswa okokuqala ngqa kwinkqubo yesikolo seSebe iWCED, inqununu iya kumbhalisa loo mfundi ngekhompyutha kwisistim eyi-Central Education Management Information System (CEMIS) ngokusebenzisa iFom yoBhaliso yoMfundu (Learner Registration Form) .
Ukutshintshela kwesinye isikolo (Transfers)	Ukubhaliswa kwabafundi bebakala elingaphambi kweBakala R (<i>pre Grade R</i>) kwiCEMIS kungenziwa kuphela zizikolo zemfundo eneeemfuno ezizodwa abafunda kuzo abo bafundi balolu hlobo. Funda kwakhona iSetyhula yeWCED 0046/20004.
Isatifikethi sokutshintshela kwesinye isikolo INgcaciso eMfutshane yeCEMIS 0001/2008	Apho umfundu sele ebhalisiwe kwisikolo sikarhulumente seSebe iWCED aze loo mfundi atshintshele kwesinye isikolo sikarhulumente seWCED, inqununu yesikolo umfundu afunda kuso, iya kumnika loo mfundi iSatifikethi sokuTshintshela kwesinye isikolo seCEMIS (CEMIS Transfer Certificate) xa umfundu ashiya eso sikolo o.k.t. ekupheleni kwekota okanye ekupheleni konyaka. Inqununu yesikolo esimamkelayo <u>inokumbhalisa loo mfundi kuphela</u> ngekhompyutha ngokusebenzisa iSatifikethi sokuTshintshela kwesinye isikolo seCEMIS (CEMIS Transfer Certificate) sentsusa. Esi sisatifikethi siya kusetyenziswa nakubafundi abagxothiweyo.
Ukungena kwakhona esikolweni (Re- entry into school) [Ukubhaliswa kwakhona]	Imigqaliselo ekumhlathi 2.1.4 “CEMIS Learner Transfers” ekwi-WCED Knowledge Management, Information Management Systems ne-ICT Minute 0001/2008 mayilandelwe ngqo xa kusenziwa iZatifikethi zokuTshintshela kwesinye isikolo zeCEMIS (CEMIS Transfer Certificates).
Isatifikethi sokukhutshwa eziNcwadini (De- registration Certificate)	Kucelwa uqaphele: Sinye kuphela qwaba iSatifikethi seCEMIS sokuTshintshela kwesinye isikolo sentsusa esinokukhutshwa [siprintiwe] kwisistim yeCEMIS.
Ukungena kwakhona esikolweni (Re- entry into school) [Ukubhaliswa kwakhona]	Apho umfundu obekwisikolo seWCED uye akaya esikolweni seWCED ithuba elithile, athi anqwenele ukubuyela kwakhona esikolweni, inqununu yesikolo umfundu enze isicelo sokwamkelwa kuso, iya kumbhalisa loo mfundi ngeSatifikethi sokuKhutshwa eziNcwadini seCEMIS (CEMIS De-registration Certificate) , esize nomfundu
Isatifikethi sokukhutshwa eziNcwadini (De- registration Certificate)	Xa kubhaliswa umfundu kwakhona, loo mfundi uya kubhaliswa kwiCEMIS kusetyenziswa inombolo yokuzazisa eyodwa yexa langaphambili <i>i-unique WCED identity number</i> .
Ukukhutshwa ezincwadini kwabafundi (De-registration of learners)	QAPHELA: Ifom yeCEMIS yeSatifikethi sokuTshintshela kwesinye isikolo (<i>Transfer Certificate</i>) nefom yeSatifikethi sokuKhutshwa eziNcwadini (<i>De-registration Certificate form</i>) ikwayifom enye (enamacandelo ahlukileyo amakazaliswe).
Ukukhutshwa ezincwadini kwabafundi (De-registration of learners)	Kucelwa uqaphele kwakhona iimfuno ezimiselweyo kwiSetyhula 240/2003 ngokumalunga nokwamkelwa kwabafundi abaminyaka yobudala ingaphezu kwaleyo yobudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo. Abafundi abakubudala obungaphezu kobo bamkelekileyo, banokwamkelwa kuphela esikolweni ngemvume yomphathi wekomiti yesekethe.
Ukukhutshwa ezincwadini kwabafundi (De-registration of learners)	Ukukhutshwa ezincwadini kuthetha ukukhutshwa ngokupheleleyo komfundu kwinkqubo yesikolo seWCED. Izizathu ezibangela ukuba umfundu akhutshwe ezincwadini ziya kuvela kwiSatifikethi sokuKhutshwa ezincwadini seCEMIS esinikwe umfundu. Isizathu singaba sesinye sezi zilandelayo:

Isatifikethi
sokukhutshwa
ezincwadini (*De-registration certificate*)

- Ukungabikho esikolweni ngaphandle kwemvume **iintsuku zesikolo ezingaphezu kwama-10 zilandelelana** engasazisanga isikolo malunga noku
- Ukufilela kwisigqibo komfundi okhulelweyo sokuba angayi esikolweni
- Ukumka ngokupheleleyo kwinkqubo yesikolo [umz. ukuya kufuna umsebenzi].
- Ukugula ithuba elide
- Ukuggiba iBakala 12

QAPHELA: Abafundi abagxothiweyo abaya kwesinye isikolo abakhutshwa ezincwadini, koko banikwa iSatifikethi sokuTshintshela kwesinye isikolo.

Ukungabikho
esikolweni
(*Absence*)

Abafundi abasoloko bengekho esikolweni imeko yabo mayisingathwe ngokwemigaqo yoleko ecaciswe kolu xwebhu *Regulations Relating to Serious Misconduct of Learners at Public Schools*, olwapapashwa kwiGazethi kaRhulumente yePhondo 5190 ka-Oktobha 1997. Izikolo ngokweSiqendu 3(5) seSASA, zinoxanduva lokuphanda nokuncedisa abazali nabafundi ukuba balungise umonakalo (*remedy the situation*), ukuze baqinisekise ukuba bonke abafundi abakubudala bokuhamba isikolo bayaya esikolweni.

Makuthunyelwe ileta ngeposi ebhaliswayo (*registered mail*) kumzali yokufuna isizathu sokungabikho esikolweni komfundi. Inqununu yesikolo iya kugcina ikopi yale leta nobungqina bokuba iposiwe (*proof of the postal registration*) kwifayili kwi-ofisi yesikolo. Ikopi eyidyuplikethi (*duplicate copy*) mayifakwe kwiprofayili yomfundi (*learner profile*).

Makuthunyelwe ileta ngeposi eyirejista (*registered mail*) kumzali yokufuna isizathu sokungabikho komfundi. Inqununu yesikolo iya kugcina ikopi yale leta nobungqina bokuba iposiwe (*proof of the postal registration*) kwifayili kwi-ofisi yesikolo. Ikopi eyidyuplikethi (*duplicate copy*) mayifakwe kwiprofayili yomfundi (*learner profile*).

Bonke abafundi **abangakhange baye esikolweni ngaphezu kweentsuku zesikolo eziyi-20** nangaphezulu zilandelelana, ngaphandle kokwazisa inqununu yesikolo, kwakunye nabazali babo okanye abagcini babo abangakhange baphendule kwizicelo ezibhalisiweyo ezivela kwinqununu yesikolo ezicela inkcazelo ngokungabikho kwabo, **baya kukhutshwa ezincwadini** zenqubo yezikolo yeWCED (**will be de-registered from WCED school system**) ngokusebenzisa iSatifikethi sokuKhutshwa eziNcwadini seCEMIS (**CEMIS De- registration Certificate**), nekufuneka sithunyelwe kumfundi. Isatifikethi sokuKhutshwa eziNcwadini masifayilishwe kwiprofayili yomfundi ukuba dilesi ukuba idilesi yomfundi ayisalungele kusetyenziswa.

Abafundi abashiya
isikolo (*Schools
leavers*)

Bonke abafundi abaphuma ngokupheleleyo kwinkqubo yesikolo yeWCED, umz. abafundi beBakala 12, baya kukhutshwa ezincwadini ngeSatifikethi sokuKhutshwa ezincwadini (**De-registration Certificate**).

iBakala 12

Abafundi kwiBakala 12 abangaphumelelanga nabafuna ukuqhubeka nokuhamba isikolo, mabangalelwu ukuba bamkelwe kwakhona kweso sikolo xa ngaba isikolo sinaso isithuba esikhoyo kwaye abe umfundi ephinda zonke izifundo zeBakala 12. Abafundi abafuna ukuphinda ezo zifundo zithile kuphela ukuze bapase iBakala 12 mabathunyelwe kwiziko le-AET.

Makuqatshelwe kwakhona iSetyhula 0240/2003 umhlathi. 3.2.2.

QAPHELA: Ukukhutshwa komfundi kwiincwadi zobhaliso zesikolo, kwenziwa ngeSatifikethi sokuTshintshela kwesinye isikolo seCEMIS [umfundu oya kwesinye isikolo] okanye iSatifikethi sokuKhutshwa eziNcwadini seCEMIS (*CEMIS De-registration Certificate*) [umfundu ophuma ngokupheleleyo kwinkqubo yesikolo yeWCED].

13. INKQUBO YOBHALISO

Ubhaliso kwiCEMIS	Inqununu yesikolo esamkele umfundu, iya kumbhalisa umfundu ekhompyutheni kwiCEMIS <u>ngomhla wokugala wokuya</u> komfundi esikolweni, ngokuzalisa iSatifikethi sokuTshintshela kwesinye isikolo seCEMIS esinyanzelekileyo okanye iFom yoBhaliso yoMfundu yeCEMIS (<i>CEMIS Transfer Certificate or CEMIS Registration Form</i>) okanye iSatifikethi sokuKhutshwa eziNcwadini seCEMIS (<i>CEMIS Deregistration Certificate</i>).
	Izikolo ezingenako ukubhalisa abafundi ekhompyutheni kwiCEMIS, mazithethe ne-ofisi yesithili zicele uncedo.
Irejista yokwamkelwa kwabafundi	I-CEMIS yeWCED ithatha indawo yerejista yokwamkelwa kwabafundi (<i>admission register</i>) ezaliswa iinkcukacha ngesandla. Ukuze kuhlangatyezwane neemfuno ze-NEPA, kuya kugcinwa efayilini ye-ofisini yenqununu yesikolo iprintawuthi ehlaziya qho yedatha yeCEMIS (<i>a regularly updated printout of the CEMIS data</i>).
	Irejista enamagama abazali omfundu ngamnye, iidilesi zabo neenombolo zabo zefoni, njl. njl., mayigcinwe esikolweni. Le rejista mayihlaziwe qho ukuqinisekisa ukuchaneka kwengcaciso ekuyo.
Iprofayili yomfundu Isicelo seprofayili yomfundu	Xa umfundu ebhalisiwe kwisikolo esitsha, inqununu iya kuthi, kwithuba leentsuku ezili-10 zesikolo emva kobhaliso, icele inqununu yesikolo sokuggibela umfundu ebebhaliswe kuso ukuba iposele kwisikolo esitsha ingcaciso ngomfundu neprofayili. Ekupheleni kukaFebruwari kunya ka wesikolo ngamnye, iprofayili yomfundu ngamnye obhalisiweyo mayifumaneka kwisikolo apha umfundu abhalise khona njengangoku. Iprofayili yomfundu ngamnye obhalisiweyo esikolweni mayigcinwe ngokumana ihlaziya qho kwaye mayisoloko ifumaneka kumagosa eWCED.
Izicelo zamva	Abafundu abenza izicelo zokwamkelwa kunya olandelayo emva kuka-Oktobha, baya kufakwa apha kukho khona izithuba nokuba ngaba kusezikolweni ezingekho kufutshane nendawo abahlala kuzo okanye ekungezizo izikolo abakhethe zona. Abafundu abafuna ukwamkelwa kwisikolo seWCED ekuqaleni konyaka wesikolo omtsha, okanye apha enyakeni baya kuya kwi-ofisi yesithili semfundo seWCED esikufuphi nendawo abahlala kuyo ukuya kufuna ukuqonda ngezikolo apha kukho khona izithuba. Ii-ofisi zezithili zemfundo ziya kuncedisa abazali ngokufaka abafundi ezikolweni nanini na xa kukho ithuba nemfuneko yongenelelo ngoncedo lwasithili kwinkqubo yokwamkelwa kwabafundi.

Ilungelo lokufaka isibheno NgokweSASA iSiqendu 5(9), nawuphi na umfundsi okanye umzali womfundsi ongamkelwanga kwisikolo sikarhulumente angenza isibheno esichasa eso sigqibo kuMphathiswa weMfundu wePhondo (MEC).

I-SASA isichaza isikolo ngolu hlobo: “*Isikolo sikarhulumente okanye isikolo esizimeleyo esibhalisa abafundi kwibakala elinye okanye kumabakala angaphezu koko ukususela kwibakala R ukuya kwibakala leshumi elinambini*”.

“The SASA defines a school as “a public school or an independent school which enrols learners in one or more grades from grade R to grade twelve”.)

linqununu mazazise abazali nabafundi ngeli lungelo labo lokufaka isibheno esichasa isigqibo sesikolo. Xa abazali benganelisekanga sisigqibo esimalunga nokwamkelwa komfundsi esikolweni, bangafaka isibheno sokuchasa isigqibo, kuMphathiswa weMfundu wePhondo (MEC) ngencwadi ebhaliweyo bechasa isigqibo somlawuli wesithili kunye/okanye sesikolo

--oo0oo--`